



GRAIN SA  
GRAAN SA

Canzibe  
2012

# PULA IMVULA

## Inkqubo yenkxaso yokuqalisa ishishini ibubomi kubalimi



Before



After

**“UKUBA AKUPHUMELELI EKUQALENI, ZAMA UPHINDE UZAME KWAKHONA.” LE NTETHO IFANA KAKHULU NOMGQALISELO WEINKQUBO YASEGRAIN SA YOPHUHLISO LWAMAFAMA. UBIZO LWENKQUBO YETHU “KUKUPHUHLISA ABALIMI ABAXHOTYISWE NGESAKHONO ABAMNYAMA ABARHWEBAYO NOKUFAKA IGALELO KUKHUSELEKO LOKUTYA LWASEKHAYA NOLWESIZWE NGOKUSETYENZISWA OKUKOKONA KUFANELEKILEYO KWEMITHOMBO YOBUTYEBI BENDALO OBUFUMANEKA KUMLIMI NGAMNYE”. YINTETHO EPHELELEYO LE KANTI IKWANGUMSEBENZI ONZIMA!**

Kwiminyaka emininzi, sityale imali ngokunika umntu inkxaso – sizibandakanye kuphuhliso lwabalimi. Sina-maqela ofundo-nzulu, iimvavanyo zokwenza imiboniso, iintsuku zabalimi, ukhutshiswano loNyaka lwabaLimi, inkxaso enikwa abalimi ngabanye kwiifama zabo, izifundo ezininzi zoqeqesho, usasazo lwerediyo kunye nePula Imvula. Konke oku kujoliswe ekubaxhobiseni ngesakhono sokwenza umsebenzi. Sinabaququzeleli abasixhenxe bamaphondo ababila besoma kukuse-

benza betyala imali ngokuphucula ubomi babalimi bethu.

Nangona kunjalo, xa ungumlimi, liyafika ixesha lokuba ulenze ishishini lokufama, nto leyo ethetha ukuba kufuneka ube nofikelelo emhlabeni olimekayo, ube neetrektrara, izixhobo zokulima namagalelo okuvelisa imveliso. Umceli-mngeni wenene uqalisa apho. Kwiminyaka eliqela edlulileyo, ukulinywa kwezityalo bekusoloko kungenanzuzo enkulu kuba bekunzima ukuba abalimi bafikelele kwiimali-mboleko zokulima kwaye bekungekho zinzuzo zinkulu ezibavumela ukuba benze utyalo-mali kwiifama okanye ekusetyenzisweni kwezixhobo.

Ukuphoxwa yenye yeebhanki zorhwebo ezinkulu eyathembisa ngenkxaso-mali yemboleko kodwa ayakwenza oko, kwasibeka kwimeko yenkhalabo njengoko abalimi bethu bebedinga inkxaso-mali. Amalinge azingisileyo okufikelela kwinkxaso-mali yemveliso yeSebe lezoLimo abe noncedo olungephi kwiminyaka ngeminyaka. Sithe kanye xa silahlekelwa lithemba, amagosa eSebe loPhuhliso lwamaPhandle noHlenga-hlengiso


Imagazini yakwaGrain SA  
yophuhliso lwabavelisi

### FUNDA NOAPHAKATHI!

- 4 > Imbewu yonyaka omnye = iminyaka esixhenxe yokhula!
- 7 > Ukuvuna – isahluko sokugqibela sencwadi yokulima
- 8 > Mangaphi amashishini onokuwaqhuba?



5



6



## Inkqubo yenkxaso yokuqalisa ishishini ibubomi kubalimi



### UMama uJane uthi...

Uya kuthi xa ufumana olu hlelo lwe-Pula/Imvula ufumanise ukuba seliza kufika ixesha lokuya kuSuku lokuVuna lweNAMPO yaseGrain SA. Khumbula ukuba i-NAMPO ngumbhiyozo omkhulu wezolimo owenzeka kufuphi eBothaville ngonyaka ngamnye ngoMeyi. Kulo nyaka iza kuqala ngomhla we-15 ukuya kowe-18 Meyi 2012.

I-NAMPO inento eyiphathele wonke umntu onomdla emsebenzini wokufama – ukusuka ekufuyeni iinkomo zenyama, iibhokhwe, iigusha, ukusetyenziswa kweethrekara, izixhobo zokusebenza, oomatshini nezinye izinto. Unokuchitha usuku okanye ngaphezulu uhamba-hamba ujikeleza ubona zonke izinto ezingumngaliso ezinxulumene necandelo lezolimo (kukho neziza ezimbalwa zawo namanekazi).

Inkqubo yoPhuhliso lwamaFama yaseGrain SA iza kuba nawo nomboniso wezinto ezenziweyo ngethuba le-NAMPO – nceda yenza umzamo wokuza kusityelela apho – sijonge phambili kutyalelo.



IwemiHlaba eza eBothaville ukuza kusixelela 'ngeNkqubo yabo yenkxaso yokuqalisa ishishini'.

Emva kothetha-thethwano neengxoxo ezininzi, kusayinwe isivumelwano phakathi kwe-Sebe neGrain SA kwaza kwabandakanywe imibandela elandelayo kwisivumelwano:

*"ISebe lisebenzisa Isicwangciso-buchule esi-Hlanganiselayo soPhuhliso lwasemaPhandleni (Comprehensive Rural Development Strategy - "CRDP") esinxulumyaniswa nohlenga-hlengiso lwemihlaba nemiba enxulumene nomhlaba kunye nokhuseleko lokutya olusekwe kwinguquko yemiba enxulumene nomhlaba kunye neentsika ezimbini; eyophuhliso lwamaphandle nohlenga-hlengiso lomhlaba.*

*Izicwangciso-buchule ezisetyenziswa kwimpumezo ye-CRDP zibandakanya ukukhuthazwa ngokwasentlalweni kwamaqela oluntu asemaphandleni ukuba asungule imisebenzi, utyalo-mali olwenziwa ngobuchule ngokwezibonelelo ezisisiseko soqoqosho nezentlalo, ukusebenza ngendlela ekhulisa uqoqosho, iindlela zokuphila emaphandleni nomhlaba olondolozekayo kunye nohlenga-hlengiso lwemiba enxulumene nomhlaba.*

*Ungaqo we-CRDP wophuhliso (onezalathisi zokukhula ekwabelwana ngako nenkqubela phambili, ingqesho ephelileyo, ukuphathwa ngokulinganayo ngokwengeniso kunye nenkqubela ngokwenkcubeko) uquka ukuchithwa kobuhlanga kuqoqosho lwasemaphandleni ukuze kubekho ukwabelana nokukhula okulondolozekayo, ukwabiwa komhlaba ngokolawulo ngentando yoninzi nangokulunga nokusetyenziswa kwizini, iintlanga neendidi ngokwasentlalweni ngokuphelela kwazo nengqesho engqongqo kwicala lemveliso ukuze kubekho*

*ukhuseleko lwesizwe lokutya.*

*Kusekwe iprojekthi yovavanyo (ngokusebenzisa inkqubo yenkxaso yokuqalisa ishishini nophuhliso, eneenjongo zokwandisa imveliso; ukuze kuqinisekise ukhuseleko lokutya; kunyuselwe abalimi abasaqalayo abe kwibanga labalimi abarhwebayo nokudala amathuba emisebenzi kwicandelo langoku lezolimo) ukuze kuncediswe iindlelifa ukuba zithathe inxaxheba kuSungulo lwasemaGrain SA loPhuhliso lwaba-Limi. ISebe, emva kokubamba iingxoxo neGrain SA, licele ukuba libe nenxaxheba kubonelelo lobungaphethe bobuchule ekunikweni kwenkxaso yeefama, ufikelelo kwimimandla yentengiso nakufikelelo lwethuba elide lwenkxaso yemali enikwa iindlelifa. I-Grain SA iya kunikela ngesicwangciso seshishini lomfama/iindlelifa nganye, neyakwamkelwa liSebe. Kwakhona kuvunyelwene ngokuba njengoko imveliso yokutya okuziinkozo isenzeka ngamaxesha athile onyaka kwaye ixhomekeke kakhulu kwimozulu, ezi zicwangciso zoshishino zisenokulunga-lungiswa kumaxesha ngamaxesha, ukuze kuqinisekise ukuba zonke iinkxaso zobonelelo zisetyenziswa ngeyona ndlela ifanelekileyo ukuze umlimiancedeke.*

*I-Grain SA iya kuvula i-akhawunti yebhanki ehamba yodwa apho kuya kuhlululwa khona zonke iinkxaso zokuqalisa ishishini.*

*I-Grain SA iya kuncedisa abalimi ekusebenziseni ubonelelo lwabo lwenkxaso yokuqalisa ishishini ukuze kusetyenziswe imithombo yobutyebi ngendlela efanelekileyo njengegalelo kuphuhliso lwabalimi. Ukusetyenziswa kobonelelo lwenkxaso kuya kubandakanya ukukhanda kweethrekara nezixhobo zokusebenza ezikhoyo, ukuthengwa kwezixhobo ezitsha nezisetyenzisiweyo, amagalelo emveliso yez-*



The Farmer Development exhibition at NAMPO 2011.





**Before**



**After**

ityalo ezahluka-hlukileyo, ukuthenga imfuyo nokutya kwayo, inkcitho-mali yezibonelelo ezisisiseko (ukubiyela, ukuvula iikhonto, namawili amanzi njalo njalo), ukukhandwa kweeshedi – ngokwesicwangciso seshishini.

Esi sivumelwano siya kuba nesicelo esifakwayo sesizwe esivumela i-GRAIN SA ukuba yenze amalungiselelo ayo oncedo lwamafama kuwo onke olithoba amaphondo.”

Ngokwesivumelwano, silungise izicwangciso zeshishini zabalimi abali-16 abebezindlalifa zeenkqubo zohlenga-hlengiso lomhlaba nababeyinxalenye yeNkqubo yaseGrain SA yoPhuhliso lwamaFama. Isixa esipheleleyo sezigidi eziyi-R36 safakwa kwi-akhawunti entsha yebhanki saza sakwazi ukuzalisa ngempumezo. Oku kusenze imincili kakhulu kwaye kusidinisa njengoko onke amehlo aye aba kwiqela elisebenza kunye!

Sisoloko sikholelwa ekubeni asisayi kuze senzele abalimi izigqibo okanye sibaqhubele umsebenzi wokufama – zonke iinkqubo zethu ziyilwe ngendlela exhobisa nephuhlisa abalimi kwaye sizimisele ukwenza njalo nangale nkqubo ye-Recap (inkxaso yokuqalisa ishishini).

Ukuze kufumanekwe inkxaso eyaneleyo kwangoko, sichonge abalimi abahlanu abathathe umhlala-phantsi abaxelileyo ukuba bazimisele ukuba ngabasebisi babalimi (abane kubo ngabaqeqeshi kwinkqubo yethu). UFlip du Preez ovela eSenekal ungumcebisi wabalimi abahlanu apho, uAttie Louw ungumcebisi womlimi omnye kufuphi naseBloemfontein, uEduard Foord unika inkxaso kubalimi abathathu (eBothaville, eWesselsbron naseHennenman), uBertie Human uncedisa abalimi abathathu kufuphi naseWelkom ukuze uJohan van der Merweancedise amafama aseTheunissen.

Kuye kwafuneka ukuba songeze isakhono semali e-ofisini eseBothaville kwaye sibe nethamsanqa ukuba sikwazi ukongeza uMarina Kleynhans kwiqela lethu elisebenza kunye. UMarina usebenze kwicandelo lemali laseGrain SA kwiminyaka emininzi kwaye uyingcaphephe kulawulo lwemibandela yemali kunye neentlawulo. Kuye kwafuneka ukuba siyile enye iseti yeencwadi

ngokusebenzisa iPastel kwaye siyambulela uPhilip Smith, kuba oku kwaphunyezwa. Umlimi ngamnye uneekhowudi zakhe, ezenza ukuba zigcineke zonke iinkcukacha zengxelo zotshintshiselwano ngalunye olwenzekileyo ngokunjalo zibeka iliso kwindlela echithwa ngayo imali ngokuphathelele nohlahlo lwabiwo-mali.

Nangona izicwangciso zamashishini ziphuhlisiwe zaza zasayinwa ngumlimi ngamnye, sibone kubaluleke kakhulu ukuba abalimi babandakanyeke kwinyathelo ngalinye lenkqubo. Siyile inkqubo apho umlimi nomcebisi kufuneka bobabini benze i-odolo yentengo nganye – kanti kufuneka kubekho iikowuteshini zenkcitho ezihamba ne-odolo nganye. Isizathu seekowuteshini kukusiqinisekisa ukuba imali isetyenziswa ngobulumko obukhulu kwaye ngaxeshanye kufundiswe abalimi ixabiso lokuthelekisa amaxabiso phambi kokuthenga. Iintlawulo zenziwa ngekhompyutha ukusuka eBothaville, ngokweenkqubo nemigaqo yaseGrain SA. Emva kokuba kwenziwe intlawulo, umlimi, umcebisi nomthengisi bafumana i-sms ebaxelela ngentlawulo. Umthengisi ngokunjalo ufumana ingxelo yentlawulo ukuze impahla ethengiweyo iziswe.

Njengoko siqalise ukuphumeza inkqubo ngo-Oktobha, besifanele ukuyihlela inkcitho – kuqalwe ngeetretkara nezixhobo zokusebenza eziyimfuneko (ezintsha nezisetyenzisiweyo), kulandele amagalelo emveliso. Zakuba zifunyanisiwe izityalo, sikwazile ukugqalisela kweminye imiba – imfuyo neziseko zezibonelelo. Kude kube ngoku, abalimi basebenzise i-R27 yezigidi kwi-R36 yezigidi ebikhutshiwe – ukuchithwa kwemali okulawulwayo kuya kuqhuba ide isetyenziswe yonke imali yohlahlo lwabiwo-mali.

Iifoto ezikhaphayo zibonisa imiboniso ngemiboniso. Le nkqubo yenze umahluko omkhulu kubomi bala mafama kwaye ifanele ukuwabeka emgaqweni olondolozekayo.

**NGUJANE MCPHERSON, UMPHATHI WENKQUBO YASEGRAIN SA YENKQUBO YOPHULISO LWAMAFAMA**



**Before**



**After**



**Before**



**After**

Inkqubo yenkxaso yokuqalisa ishishini yenze umahluko omkhulu kubomi babalimi abafumene uncedo kwiSebe loPhuhliso lwamaPhandle noHlenga-hlengiso lwemiHlaba.



# Imbewu yonyaka omnye = iminyaka esixhenxe yokhula!

Kwiminyaka yoo-1940, uGeorges de Mestral injineli nomqambi wama-Swiss, wahamba ngeenyawo nenja yakhe. Wagoduka nayo kunye namatshungu (izingxobo zembewu yesityalo esinamathela entweni ukuze sisasazeke ngendalo kwiziza ezitsha ezikhulayo) zinamathele kuzo. Xa wayencothula amatshungu enjeni nasezikawusini zakhe zewulu, ingqondo yakhe yabaleka ngeengcinga waza wawabeka phantsi kwe-mayikhroskophu ukuze awaqwalasele kakuhle. Waqaphela iihaki ezingamakhulu ezizinamathelisa lula kwimicu. Ngokuzama-zama, ude Mestral ekugqibeleni uphinda-phinde imilo yehaki namasolotya ayifumene kwindalo wayibiza ngokuba yi-Velcro. Le mveliso yathandwa ngeendlela ezininzi ngaphezu kwe-zipper yakuqala kanti namhlanje isetyenziswa kubomi bemihla ngemihla ngeendlela ezininzi ezahluka-hlukileyo.

**UMLIMI OSAKHASAYO OQESHE INTSIMI eMNTLA-Ntshona UTHETHE NGODANDATHEKO LWAKHE XA EBETE KUHLOLA AMASIMI ACHE OMBONA WAKHE NOJONGILANGA EPHETHE ISIXHOBHO SAKHE SOKUTSHIZA NJENGO-KO EQHUBA NGEMFAZWE YAKHE NOKHULA. UKUTSHIZA EMVA KWEXESHA KWENZEKE NAXA INKQUBO YAKHE YASEKUQALENI KWEXESHA LONYAKA IBILANDELWE EMVA KWECEBISO LOBUNGCAPHEPHE LABAMELI BEMICHIZA NOKWENZA KONKE KANYE NGENDLELA EBEFANELE UKWENZA NGAYO!**

Kungona aqala ukuliqonda ngoku ifuthe elipheleleyo layo yonke iminyaka yokuhlala kwala masimi aqeshiweyo engahoywanga kwaye engasetyenziswa okanye apho ukutshatyalaliswa kokhula bekunganelanga. Ibhanki yembewu isekhona ngokupheleleyo enzulwini kwaye ilinde ngaphantsi kwalo mihlaba. Imfazwe mayiqhube kwaye umfama angadinwa...

Ukuzingisa nokunyamezela kokhula makungabonwa njengento encinane nokuba uhlaselo lomlimi ngemichiza etshabalalisa ukhula ibilandelwe ngokwenkqubo egqibeleleyo, oko akuthethi ukuba ligqithile idabi. Khumbula nje ukuba isityalo esinye se-dandelion senza imbewu enokufikelela kwi- 15 000, iyileyo inokuphila iminyaka emithandathu emhlabeni, idale enye imbewu engaphezulu nge-15 000 xa ihluma kwaye ivuthwa. Umntu kufuneka akhumbule ukuba ukhula lungahlelwa ngokwezintlu ezahluka-hlukileyo: iintlobo zengca engafunekiyo; izityalo ezisabungca ezibizwa ngokuba ziiseji nezityalo za-

magqabi abanzi. Inkoliso yazo ziphila unyaka wonke. Aba nyakande bagqiba umjikelo wabo wobomi ngexesha elinye lonyaka baze bavelise imbewu. Izityalo zonyaka wonke ziphila iminyaka eliqela zize zinabe phantshi komhlaba ngokunjalo nangembewu, into eyenza kube nzima ukulitshabalalisa.

## Ukhula lwe-Cocklebur (i-Kankerroos)

Olunye ukhula oluyingxaki nolukhangelwa ngabaphathi bezisele eMzantsi Afrika xa behlela ukutya okuzisiweyo okusisivuno sezityalo eziziinkozo yi-Cocklebur okanye i-Kankerroos njengoko isaziwa eMzantsi Afrika. I-Cocklebur lukhula olungayekeleliyo, olonakalisayo nolusuke lwaba luhlobo oluhlaselayo kwihlabathi jikelele kwaye lunesakhono sokukhuphisana neentlobo eziliqela zezityalo kwaye luphumelele. Lusisityalo esikwaziyo ukuziqhelanisa nemeko kanti lukhula lungene nzulu kwimihlaba etyebileyo, luyakwazi nokuchuma luze lumilisele iziqhamo kwii-intshi ezimbalwa zomhlaba ocekethekileyo nowomileyo. I-cocklebur sisityalo esikhulu esirhabaxa esiphila ebudeni bonyaka nesinokukhula sibe side kangangeenyawo ezintathu ubude. Lunezikhondo ezomelele kakhulu ezigqunywe buboya oburhabaxa. Iintyatyambo azibonakali kakhulu kanti iintyatyambo zesini sesiduna ziba nezicuku zeentyatyambo ezincinane ezimthubi nezizwayo kwisityalo lo gama iintyatyambo zesikhomokazi zivela njengezingxobo ezincinane eziluhlaza nezihlabayo ezikhula zibe "ziziqhamo" ezinobude be-intshi ezintsundu ngebala ezibizwa ngokuba ngamatshungu. La matshungu





agqunywe ngameva alukhuni ahakishayo nancamathela kwizikhumba zezilwanyana, ezikhunjini ezinoboya, eboyeni nasezimpahleni ezisuka zibe zizithuthi zalo zokusasaza imbewu. Le yindlela elula yokusasazeka kuba xa zisuka kwizilwanyana ziya kwezinye iziza ezikude nokhula olungunozala. Esi sityalo sanda ngokusebenzisa imbewu yaso. Imbewu ye-Cocklebur inobomi obude. Ngokwengxelo ebhaliweyo yeentlobo zophononongo lwenzululwazi imbewu eyangcwatywa emhlabeni kubunzulu bee-intshi ezisibhozo kwiminyaka eyi-16 nangoku zisenasakhono se-15% zokuntshula, yiloo nto izityalo ze-cocklebur zisaziwa ngokuphinda zivele kwiindawo ebezitshatyalaliswe kuzo kwiminyaka emininzi edlulileyo.

I-Cocklebur ihlasela amasimi efama kanti futhi yenza ityhefu kwimpahla

efuyiweyo. Nangona uninzi lwezilwanyana luhambela kude kuyo kuba lukhet-ha ezinye izityalo emasimini, izilwanyana ezingakhethiyo ezifana neehagu ziyasitya kodwa zigule ngesiqophe zife kwiityure ezimbalwa. Izithole nembewu zezona nxalenye zesityalo zintyhefu kanti xa zityiwe zenza isicefecefe, ukuhlanza, iphika kungade kubekho nokufa. Ngokuqinisekileyo, abaphathi bezisele bafanele ukuthatha ingqalelo ngakumbi xa behlela ukuze baqiniseke ukuba ayikho le mbewu, yiloo nto bewuthumela umthwalo ukuba uhluzwe uphinde uhluzwe kude kungathandabuzeki ukuba loo mthwalo awungcolisekanga kwaphela. Konke oku kongeza kwiindleko zokuvuna zomlimi.

**NGUJENNY MATHEWS, USIHLALO WENKQUBO  
YASEGRAIN SA YOPHUHLISO LWAMAFAMA**

# Ungazibhaqi unokutya okugqithi-sileyo okugciniweyo kobu busika

**NGETHUBA LEENYANGA ZASEHLOTYENI XA KUKUNINZI UKUTYA KOKUTYISA IMFUYO YETHU, SISUKA SIFUNE UKUGCINA NGAPHEZU KOKUBA SIFANELE. AKULULANGA UKUCINGA UKUBA UKUTYA KWAKHO KWEMFUYO KUYA KUKWAZI UKUQHUBA KUDE KUBE NGO-OKTOBHA OKANYE NGO-NOVEMBA PHAMBI KOKUBA KUBEKHO ENYE INTO ENTSHA EKHULAYO.**

Njengomfama, akunakufumana xabiso lihle ngesilwanyana sakho esibhityileyo – ummandla wentengiso ufuna isilwanyana esibukeka kakuhle. Eku-pheleni kwehlobo, izilwanyana zakho zifanele ukubukeka kakuhle – eli lixesha lokuthengisa izilwanyana ezingeyomfuneko ukuze imali uyivalele ebhankini. Izilwanyana ezingeyomfuneko zibandakanya iimazi zeenkomo ezindala, izilwanyana ezingandiyo, amankonyana alunyuliweyo, iinkunzi ezindala kunye neenkatyana zeenkomo ezifuyelwe inyama. Khumbula ukuba izilwanyana zakho ziyifektri – imazi yenkomo nganye mayivelise inkonyana ngonyaka ngamnye ukuze ube nento yokuthengisa. Ukuba uneenkomo ezingafumani mathole ngonyaka ngamnye, zithengise ukuze wandise ubutyebi bakho ngezilwanyana ezikwaziyo ukwandisa umhlambi.

Ebusika ingca ayinasondlo njengasehlotyeni yiloo nto kubalulekile uku-ba imfuyo uyinike izikhothwa ezilungileyo eziqulethe iprotheyini eyaneleyo. Umgubo wombona awusosicwangciso saneleyo sezidlo zemfuyo ngenxa yokuba amanqanaba azo eprotheyini ephantsi kakhulu – kufuneka ufakele iprotheyini kwisidlo. Umsebenzi wokuxuba isondlo ngummandla ofuna ubu-chule kwaye kubhetele ufune icebiso kwiingcaphephe zawo. Imali oyichitha ngokufumana icebiso iya kulondoloza imali eninzi ekugqibeleni.

**NGUJANE MCPHERSON, UMPHATHI WENKQUBO  
YASEGRAIN SA WENKQUBO YOPHUHLISO LWAMAFAMA**





# Kuqonde okwenzayo nesizathu sokukwenza

**KWINKQUBO YETHU SIYAQHUBA NGOKWENZA UTYALO-MALI NGABANTU NGOKUSEBENZISA AMAQELA OFUNDO-NZULU, IINTSUKU ZABALIMI, INKXASO ENIKWA KWIFAMA ZABALIMI, IZIFUNDO EZAHLUKA-HLUKILEYO ZOQEQESHO ZEPULA/IMVULA. KUMAXESHA NGAMAXESHA KUFUNEKA SIPHINDE SIHLOLE IMEKO – INGABA SIYASIFUMANA ISIPHUMO ESINQWENELEKAYO KWIMISEBENZI YABALIMI ZEMVELISO?**

Senza konke esinako ukukwenza ukutyelela amasimi abo bonke abalimi kaninzi kangangoko sinako, kodwa asikwazi kubona okwenziwa ngumlimi ngamnye emasimini akhe. Sixhomekeka ekubuzeni wena eminye yemibuzo engezantsi.

- Izityalo zam ndizilima kuhlobo olunjani lomhlaba?
- Ndilime iihektare ezingaphi?
- Umhlaba wam usebenza kakuhle kubunzulu obungakanani?
- Yintoni imeko ye-pH (inqanaba lobumuncu) yomhlaba wam?
- Yintoni isimo sezondlo somhlaba wam (i-Phosphorus ne-Potassium)?
- Kulindeleke imvula yonyaka engakanani kwindawo endihlala kuyo?
- Kunyaka oqhelekileyo, singakanani isivuno endinokuthemba ukusivuna kwindawo yam?
- Ingaba ndinayo indawo elukhuni eyenziwe kukulima emasimini am?
- Ndilime esiphi isityalo kwaye ingaba bendikhethe esona sifanelekileyo?
- Leliphi ixesha elilelona lilungileyo lokulima isityalo sam kutheni?
- Ndisenze njani isigqibo sokuba ndisebenzise esiphi isichumiso kwaye ndifake esingakanani?
- Ngowuphi umhlanganisela ebendiwulimile kwaye ndisithathe njani isigqibo ngawo?
- Bendijonge ukufumana izityalo ezingakanani ngokwamanani?
- Ndifumene izityalo ezingakanani ekugqibeleni?
- Singakanani isichumiso ebendinenjongo yokusifaka kwaye ndi-

fumene ntoni?

- Ngawaphi amanyathelo endiwathathileyo okutshabalalisa izinambuzane ezonakalisa izityalo nezifo ezisesityalweni sam?
- Belunjani utshabalaliso lwam lokhula?
- Zeziphi iintlobo zokhula ezizingxaki emasimini am?
- Ndichithe imali engakanani ngokuvelisa isityalo?
- Ndifumene ixabiso elithini ngetoni nganye kwaye elo xabiso lithelekiseka njani namanye?
- Isityalo sindidle malini ngehektare nganye?
- Isityalo sindidle malini ngetoni nganye?
- Emva kokuvuna esi sityalo, ndinjenjongo zokulima ntoni entsimini kunyaka ozayo?
- Ndiza kusixhasa njani ngemali isityalo esilandelayo?
- Ingaba iitrektara zam zanele ukusebenza kwindawo endiyisebenzayo?
- Ingaba ndiza kukwazi ukwenza wonke umsebenzi ngexesha elilungileyo/elilelona lifanelekileyo?
- Ingaba ndinazo izixhobo zokusebenza ezifunekayo zokulima?

Ukuba akukwazi kuyiphendula le mibuzo mhlawumbi kuya kufuneka ukuba uqwalasele iincwadi zakho zoqeqesho ezahluka-hlukileyo okanye uye kwezinye izifundo. Le misebenzi isiseko kwaye xa ungumlimi orhwebayo, kufuneka ukwazi ukuziphendulela le mibuzo ngokwakho.

Njengabasebenzi kwiNkqubo yoPhuhliso lwamaFama, sifuna uyazi imibuzo ofanele ukuzibuza yona. Kufuneka uyazi into ofanele ukuyenza nokuba uyenzela ntoni. Emva kokuba ubaqondile oo-kutheni noo-ngako oko, kufuneka uthathe inyathelo – into oyifundileyo uyenze ukuze imisebenzi yokufama iphucuke.



**NGUJANE MCPHERSON, UMPHATHI WENKQUBO YASEGRAIN SA YOPHUHLISO LWAMAFAMA**



# Ukuvuna

## – isahluko sokugqibela sencwadi yokulima



**UFANELE UKUBA USEBENZE KULO LONKE ELI XESHA LONYAKA – UL-UNGISA UMHLABA, UTYALA IZITYALO, UTSHABALALISA UKHULA NEZIDALWA EZONAKALISA IZITYALO, NGOKU KUFIKE IXESHA LOKUBA UVUNE INTO OYISEBENZELEYO. ELI NYATHELO LOKUGQIBELA LENKQUBELO LIDINGA INGQALELO YAKHO NJENGOKO NAMANYE AMANYATHELO EBENZE NJALO.**

### Isiqulatho sokufuma sokutya okuziinkozo

Njengesiphumo senyaniso yokuba isiqulatho esiphezulu sokufuma kombona siwuvumela ukuba ubole okanye ungunde, kufuneka iinkozo zome ukufikelela kwiqondo elithile phambi kokuba zivunwe. Naxa kunjalo, ukuvuna makungabanjazelwa ngaphandle kwemfuneko kuba isityalo sinokonakala emasimini njengoko sisesichengeni semozulu nezinye izidalwa. Phambi kokuba kuqaliswe ngokuvuna, kucetyiswa ukuba kuthathwe isampulu yeenkozo ezivavanyelwa isiqulatho sokufuma. Iinkozo zinokuthengiswa kananjalo zilondolozwe kwisiqulatho sokufuma esingekho ngaphezulu kwi-14%. Iinkozo zinokuvunwa kwisiqulatho sokufuma esithande ukuba phezulu kodwa zomiswe ngeendlela ezingeyo ndalo.

### Ukulondolozwa kweenkozo

Izidalwa ezinemilenze emine nengqoqwane zisisoyikiso esikhulu kwiinkozo phambi nasemva kokuvuna. Izibonelelo zolondolozo mazilungiswe ngonango rhoqo ukuze kutshatyalaliswe zonke izidalwa ezonakalisa izityalo.

### Imigqaliselo yokuhlela

Imigqaliselo yokuhlela ijoliswe ekukhuseleni impilo yezilwanyana nabantu. Yamisela ukuze kuthengiswe ukutya okuziinkozo komgangatho owamkeleki-leyo. Njengoko ukuthengisa kusenzeka kwiindawo ekuthuthelwa kuzo ukutya

okuziinkozo kulo lonke ilizwe kubalulekile ukuba imigangatho isetyenziswe kulo lonke ilizwe. Kwakhona ukuhlela kuvumela ukuba amashishini aqhubela phambili isityalo akwazi ukusithenga ngokomgangatho waso ukuze siqiniseke ngodidi lweenkozo. Umbona unokuthengiswa ngesixa esikhulu, kwiingxowa ezingonakalanga, ezicocekileyo ezifakwe iinkozo ezingama-70 kg.

### Imithetho-siseko yokuhlela

Imigqaliselo yokuhlela umbona ayikwamkeli ubukho:

- **“Bezinto ezingafunekiyo”** – oku yiyo nayiphi into engelokhozo lombona umzekelo, iintwana zenxalenye yesityalo, imbewu yokhula okanye ezinye izityalo, amatye, nokuba ngumhlaba njalo njalo.
- **“linkozo zombona ezineziphene”** – zingaba ziinkozo ezishwabeneyo, ezibonisa ukuntshula, ukungunda, ukwaphuka, ukonakaliswa zizinambuzane, ezimdaka okanye ezingcolisekileyo nezo zodidi oluphantsi.
- **“linkozo zombona zomnye umbala”** – ezi ziinkozo ezimthubi phakathi komthwalo wombona omhlophe, okanye ngenye indlela.
- **“linkozo zombona ezisuke zapinki”** – ezi ziinkozo ezipinki.
- **“linkozo zombona ezihlaselwe zizinambuzane eziphilayo”** – akukho mfuneko yokukuchaza oku.

Ummandla wentengiso weenkozo ezicocekileyo, nezomileyo zomgangatho ophezulu uya kusoloko ukhona – kaninzi siye sive ukuba akukho ndawo yokuthengisa imveliso. Ukuba imveliso yakho iyazihlangabeza iimfuneko zemigangatho efunwa ngummandla wentengiso, uya kukwazi ukuyithengisa. Qiniseka ukuba wenze konke okuyimfuneko ukuze uveliseiinkozo zodidi olungileyo.

**NGUJANE MCPHERSON, UMPHATHI WENKQUBO  
YASEGRAIN SA YENKQUBO YOPHUHLISO LWAMAFAMA**



**Olu papasho lwenziwe lwabakho ngabakwa Maize Trust.**

**GRAAN SA**

PO Box 88, Bothaville, 9660  
▶ (056) 515-2145 ◀  
www.grainsa.co.za

**UMPHATHI WENKQUBO**

**Jane McPherson**  
▶ 082 854 7171 ◀

**INGCALI: UQEQESHO NOPHUHLISO**

**Willie Kotzé**  
▶ 082 535 5250 ◀

**INGCALI: FIELD SERVICES**

**Danie van den Berg**  
▶ 071 675 5497 ◀

**USASAZO: PULA-IMVULA**

**Debbie Boshoff**  
▶ (056) 515-0947 ◀

**ABAQUQUZELELI BAMAPHONDO**

**Daan Bosman**

Mpumalanga (Bronkhorstspuit)  
▶ 082 579 1124 ◀

**Johan Kriel**

Free State (Ladybrand)  
▶ 079 497 4294 ◀

**Jerry Mithombothi**

Mpumalanga (Nelspruit)  
▶ 084 604 0549 ◀

**Lawrence Luthango**

Eastern Cape (Mithatha)  
▶ 083 389 7308 ◀

**Jurie Mentz**

KwaZulu-Natal and Mpumalanga  
▶ 082 354 5749 ◀

**Ian Househam**

Eastern Cape (Kokstad)  
▶ 078 791 1004 ◀

**Naas Gouws**

Mpumalanga (Belfast)  
▶ 072 726 7219 ◀

**Toit Wessels**

Western Cape (Paarl)  
▶ 082 658 6552 ◀

**UMPAPASHI**

**Infoworks**

▶ (018) 468-2716 ◀  
www.infoworks.biz



**I-PULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:**

**isiXhosa,**

isiNgesi, isiBhulu, iSeTswana, iSeSotho,  
iSeSotho sa Leboa nangesiZulu.

**Injongo yethu kukovelisa olona papasho lubalaseleyo xa lunokubakho. Nawaphi amanqaku aphawulwayo ngesiqulatho somhleli okanye ngedlela yokubhalwa kwaso ngoko ke, mawabhekiswe kuJane McPherson.**

# I-Grain SA ivule i-ofisi eNtshona-Koloni


**I-GRAIN SA IVULE I-OFSI ENtSHONA-KOLONI KWAYE IDILESI YAYO ITHI 262 MAIN STREET, PAARL. SITYUMBE UTOIT WESSELS NJEN-GOMQUQUZELELI WEPHONDO. UTOIT WAZIWA KAKHULU KWISHISHINI LOKUTYA OKUZIINKOZO ENtSHONA-KOLONI NAKWIKOLONI ESEZANTSI KWAYE EBESOLOKO EBANDAKANYEKA KURHWEBO LOKUTYA OKUZIINKOZO KWIMINYAKA ELITHOBA – KAKHULU NGENGQOLOWA NANGE-CANOLA.**

UTOit uza kuchonga bonke abalimi asebekho abasaphuhlayo aze aphinde achonge nabalimi abatsha ekunokwenzeka ukuba baphuhlise ukuze sibaxhobise ngolwazi nangezakhono zobuchule ukuze sibancedise ukuba babe ngabalimi abarhwebayo abaxhotyiswe ngesakhono. Ubizo lwenkqubo yethu iphelele “Kukuphuhlisa abalimi abaxhotyisiwayo abarhwebayo abamnyama nokufaka igalelo kukhuseleko lokutya lwasekhaya nolwesizwe ngokusetyenziswa kobutyebi bendalo obunokufumaneka kumlimi ngamnye ngendlela eyiyeyona ifanelekileyo”.

EKoloni bekusoloko kukho ukunqongophala “kotalo-mali ngokuphucula isakhono somntu” – ugqaliselo lwenkqubo ikuphuhliso lwabantu ngabanye. Uphuhliso yinkqubo yenguquko yobomi bomntu elungileyo kanti indawo ekuqaliswa kuyo ifanele ukuba kwimeko yangoku – kufuneka siyakhele phezu kweziseko esezikhona.

Inombolo yoqhagamshelwano kaToit ithi 082 658 6552 kanti unako ukubhalela nge-imeyili apha [toit@grainsa.co.za](mailto:toit@grainsa.co.za). Nceda qhagamshelana noToit xa unqwenela ukubandakanyeka kwezi zindululo.

*NguToit Wessels, umququzeleli wephondo laseNtshona-Koloni.*



**Endikuvayo ndiyakulibala, endikubonayo ndiyakukhumbula, endikwenzayo, ndiyakuqonda.**

## Mangaphi amashishini onokuwaqhuba?

**MANINZI AMASHISHINI AHLUKA-HLUKILEYO ANOKUBA KHONA KWIIFAMA EZININZI – INYAMA YENKOMO, UBISI NEEMVELISO ZALO, IIHAGU, IINKUKU ZENYAMA, EZOKUBEKA AMAQANDA, UKULIMA IZITYALO, IIGUSHA, INDAWO YOKONDLA IZILWANYANA, UKULIMA UKUTYA OKUZIINKOZO, IMIFUNO, IIBHOKHWE, AMANDONGOMANE, IZITYALO EZIKUKUTYA KWEMPAHLA NJALO NJALO. ENYANISWENI, UNOKUKHETHA MHLAWUMBI IMISEBENZI EMBALWA KOLU LUDWE ONOKUBA NAYO KWIFAMA YAKHO. UMBUZO NGOWOKUBA – MANGAPHI AMASHISHINI ONAKO UKUWALAWULA?**

Ebomini, yonke into ibukeka ilula xa ikude, kodwa izinto ezininzi zikude nokuba lula! Makhe sizekelise ngeshishini lobisi neemveliso zalo – kufuneka ube nesiseko sezibonelelo zokusenga, iinkomo ezaphusileyo, iinkunzi namankonyana; kufuneka usoloko unomququqelo wefula kunyaka wonke; kufuneka uzazi iimfuneko zezondlo zazo zonke iinkomo kumabakala ahlukahlukileyo okukhula nokwanyisa; unyanzelekile ukuba uyazi impilo yezilwanyana – icala lokhuselo kunye nelokunyanganga, ukuphatha ishishini lobiso neemveliso zalo ngococeko, ukuthengisa imveliso entsha, ulawulo

lwabasebenzi nolawulo lwemali. Loo msebenzi ngoweshinini lobisi neemveliso zalo kuphela...

Onke la mashishini ahlukahlukileyo aneengxaki zawo kwaye ukuze uphumelele, kufuneka ukuhlalangezane nazo zonke.

Kaninzi, kukho abacebisi abaphatha umsebenzi wokufama ngendlela yokusebenzisa ulwazi abalufundileyo ngokubhala izicwangciso zoshishino ezibandakanya amashishini amane okanye ngaphezu koko. Oku kuyingozi kakhulu kumfama osaphuhlayo. Ndicebisa ukuba wenze uvavanyo lwefama yakho ngocoselelo, ngokunjalo wenze novavanyo lwemidla yakho ethile namandla akho. Ukuba umdlawulo wakho yimfuyo qhuba ifama ngokufuya – kufuneka uyithande into oyenzayo, kungenjalo akusayi kuphumelela. Ukufama kuba bubomi bakho kwaye akunakuchitha ubomi bakho usenza into ongayithandiyo! Wakuba uphumelele kwishishini elinye, elo lixesha lokuba uqalise elinye – ukuqhuba izinto ezininzi kakhulu ezahluka-hlukileyo ngexesha elinye kusuka kube nzima kakhulu ukuzilawula.

**NGUJANE MCPHERSON, UMPHATHI WENKQUBO YASEGRAIN SA WENKQUBO YOPHUHLISO LWAMAFAMA**